




It starts with a story...



Happy birthday, Nal'ibali!

Can you believe it? On 5 June 2013 your favourite reading-for-enjoyment resource is a year old! Yes, that's right, the Nal'ibali supplement has already been around for a whole year giving you stories to enjoy with the children in your life, as well as information and support, ideas for story activities and great competitions!

The isiXhosa word *Nal'ibali* means "Here's the story" and, as you know, this is the name of the reading-for-enjoyment campaign that is sparking our children's potential through storytelling and reading. In a world where being able to use reading and writing effectively is so important, Nal'ibali helps to make sure

that no child misses out on the magical pleasure that reading can give – and in languages they understand!

But Nal'ibali is not only a newspaper supplement! We also offer:

- Workshops on helping children to develop a love of reading and on how to start and run reading clubs – in fact, we've trained 1 176 people so far.
- Inspiration and encouragement to the reading clubs in our network – 106 clubs have already signed-up through the Nal'ibali website. You can too at www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.
- Hands-on guidance and support to 80 reading clubs in six provinces.
- A website with information, downloadable stories,

ideas, and free and other resources to help you establish reading-for-enjoyment in your home, school and reading club.

- A mobisite so that you can read stories and reading-for-enjoyment tips on your cellphone.
- Social media platforms with over 1 500 fans on Facebook and more than 1 000 followers on Twitter, sharing their reading club pictures, enjoying Multilingual Mondays, and accessing even more literacy tips and inspiration.

As we look forward to being your reading-for-enjoyment partner for another year, join us in celebrating a year in which we have all helped to grow a love of stories and reading in South Africa's children!

Min'emnandi kuwe Nal'ibali!

Inokuba ingathi kuyaxokwa, anditsho? Ngomhla wesi-5 kweyeSilimela kowama-2013 umthombo wakho owuthandayo wokufundela ukozonwabisa ugqiba unyaka! Ewe, kunjalo, uhlelo lweNal'ibali sele lunonyaka lukuzisela amabali ukuze uwonwabele kunye nabantwana abasebomini bakho kwaye lukunika ulwazi nenkxaso, iingcebiso ngemisetyenzana esemabalini kunye nemidudla yamabhaso!


Eli gama lithi *Nal'ibali* lisukela kwintetho yesiXhosa yokumema abantu ukuba bakhe bathi khebevu koko bakwenzayo bamamele ibali, kwaye eli ligama lephulo lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukusebenzisa ukufunda nokubhala kakuhle kubaluleke kakhulu kwihlabathi esiphila kulo, kuloko ke uhlelo lweNal'ibali luzimisele ukuqinisekisa ukuba akukho mntwana uphoswayo bubumnandi obuziswa kukufunda – kwaye busiziswa ngeelwimi abazaziyo nabaziqondayo!

Kodwa ke uhlelo lweNal'ibali asilohlelo lwephephandaba nje kuphela! Sikwazisela:

- Iindibano zocweyo malunga nokunceda abantwana baphuhlise uthando lwabo lokufunda kwakunye neendlela zokuqalisa nokuqhuba iiklabhu zokufunda – ubungqina boku, sele siqeqeshe abantu abali-1 176 ukuza kuthi ga ngoku.

- Ukuvuseleleka nokukhuthaza iiklabhu zokufunda ezikwisixokelelwano sethu – iiklabhu zokufunda ezili-106 sele ziyikityile kwiwebhusayithi yethu yeNal'ibali. Nawe unganakho ngokuya ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.
- Isikhokelo kunye nenkxaso kwiiklabhu zokufunda ezingama-80 kumaphondo amathandathu.
- Iwebhusayithi ezele lulwazi, iingcebiso, amabali onokuwakopa simahla kunye neminye imithombo ukunceda ukumilisele ukufundela ukuzonwabisa kwikhaya lakho, esikolweni kunye nakwiklabhu yokufunda yakho.
- Imobhisayithi ukuze ukwazi ukufunda amabali kunye neingcebiso zokufundela ukuzonwabisa kwiselula yakho.
- Amaqonga amajelo onxibelelwano oluntu anabalandeli abangaphezulu kwe-1 500 kuFacebook kunye nabalandeli abangaphezulu kwe-1 000 kuTwitter, besabelana ngemifanekiso yabo yeeklabhu zokufunda, besonwabela iMivulo kaLwimi-ninzi bekwafumana neingcebiso ezininzi zeliitheresi novuselelo lokufunda.

Njengokuba sithakazelela ukuba liqabane lakho lokufundela ukuzonwabisa omnye unyaka, zibandakanye nathi ekubhiyozeleni unyaka apho sancede ukukhulisa uthando lwamabali nokufunda kubantwana baseMzantsi Afrika!



In this birthday edition:

- You will hear from some of the reading clubs in the Nal'ibali network! (pages 6 and 7)
- You can read a story with older readers about a not-so-happy birthday! (pages 3 and 5)
- You can have fun with the special Nal'ibali birthday picture drawn for us by Rico! (page 2)

Kolu hlelo lokugqiba unyaka:

- Funda ukuba zithini ezinye iiklabhu zokufunda ezikwisixokelelwano seNal'ibali! (kwiphepha lesi-6 nelesi-7)
- Funda ibali nabantwana abadala malunga nosuku lokuzalwa olwalungekho mnandi! (kwiphepha lesi-3 nelesi-5)
- Yonwabela ukubuka umfanekiso okhethekileyo wokugqiba unyaka kweNal'ibali, ozotywe nguRico! (kwiphepha lesi-2)



Drive your imagination

Read to me. Explore a story.
Ndifundele. Masichubelane ngebali.





Who's doing what?

Use the small pictures and the clues in the incomplete sentences to help you decide what each of the Nal'ibali characters is doing in this picture.



Mme wa Afrika



Afrika



Dintle



Mbali



Bella



Noodle




Josh



Neo



Gogo




1. Wow! _____ is building a really tall tower with those bottles!
2. *Eish!* _____ has got his kite stuck in the tree.
3. _____ is sitting on his dad's shoulders.
4. _____ is keeping up with the latest news.
5. Look out! _____ is chasing a squirrel!
6. Oh dear! _____ is being pulled along the ground by her pet dog.
7. _____ is having fun with her rattle.
8. Oh no! _____ is going to have cooldrink all over her!
9. _____ is reading her book about ducks.

1. Wowu! U _____ wakha umngcungcuma ophakame kakhulu ngeziya bhofile!
2. Eyisha! ikayiti ka _____ ibambeke emthini.
3. U _____ uhleli emagxeni katata wakhe.
4. U _____ ufunda ezingundaba-mlonyeni iindaba.
5. Lumka! U _____ uleqa unomatse!
6. Owu nkosi yam! U _____ utsalwa yinjana yakhe kwaye imruqa emhlabeni.
7. U _____ uzonwabele ngokhenkcehenkce wakhe.
8. Owu bethu! U _____ uza kuzichithela ngesiselo esibandayo!
9. U _____ ufunda incwadi yakhe emalunga namadada.

Answers/Impendulo: 1. Afrika, 2. Josh, 3. Neo, 4. Gogo, 5. Noodle, 6. Bella, 7. Dintle, 8. Dintle, 9. Mbali

One year of Nal'ibali supplements at a glance

- **37** supplement editions published in isiXhosa and English, and in isiZulu and English. These supplements included:
 - 41** bilingual cut-out-and-keep books
 - 18** other bilingual stories
 - 23** Story Stars featured
 - 43** articles with information about reading and writing with children.
- **3 367 000** isiXhosa and English supplements available in newspapers.
- **4 662 000** isiZulu and English supplements available in newspapers.
- **470 110** free isiXhosa and English supplements delivered to reading clubs and schools.
- **509 204** free isiZulu and English supplements delivered to reading clubs and schools.





Masithi krwaqu kunyaka weentlelo zeNal'ibali

- Iintlelo ezingama-**37** zipapashwe ngesiXhosa nangesiNgesi, kwakunye nangesiZulu nesiNgesi. Ezi ntlelo ziquka:
 - iincwadi ezingama-**41** onokuzisika uzigcine ezibhalwe ngeelwimi ezimbini amanye amabali ali-**18** abhalwe ngeelwimi ezimbini amabali aphambili angama-**23** eeMbalasane zamaBali amanqaku angama-**43** anolwazi ngokufunda nokubhala nabantwana.
- Iintlelo zesiXhosa nesiNgesi ezingama-**3 367 000** ezifumaneka kumaphephandaba.
- Iintlelo zesiZulu nesiNgesi ezingama-**4 662 000** ezifumaneka kumaphephandaba.
- Iintlelo zesiXhosa nesiNgesi ezingama-**470 110** zasimahla zihanjiswe eziklabhini zokufunda nasezikolweni.
- Iintlelo zesiZulu nesiNgesi ezingama-**509 204** zasimahla- zihanjiswe eziklabhini zokufunda nasezikolweni.

The worst birthday ever

by Zukiswa Wanner

Hi, my name is Thando. That's Zulu for love. My mama says it is because she loves me so much. I live with my mum, my cousin Santie, and my aunt Sallie. Santie and her mum just moved into our place two weeks ago. Auntie Sallie is my mum's younger sister. This is the first time I have met her because I overheard Gogo saying her husband did not want her to visit us. They used to live in Mpumalanga before moving to Johannesburg to stay with us. Mum says Auntie Sallie had domestic issues so they had to come and stay with us. She never told me what the domestic issues were.



Santie is the same age as me. Well, no actually, I am four months older.

"Three months and twenty days!" Santie yells out.

"That's four months either way, silly." I say.

"No it isn't!" she answers back.

As you can see Santie is very argumentative. I do not know why she likes to argue. It's not even her house. So as I was saying, and I need to whisper this so she doesn't interrupt, "I am four months older than her."

Today is Santie's 11th birthday. My mum says she is going to make it special. Auntie Sallie will be working this evening. She just started waiting on tables at a restaurant in Sandton and could not get a night off. So my mum is taking us to the movies to watch *Jock of the Bushveld*.

I hope it will be fun. We cannot wait. Or rather, I cannot wait. Today has not been fun so far. Anytime I want to play a game and Santie wants to play something else, we have to do what she wants. My mum says I have to play what Santie wants because it is her birthday. I have tried to suggest playing something else, but Santie always screams so that my mum can hear, "But it's my birthday!" I hope next time she has a birthday she is not here.

After we have had a bath and it is almost time to go to the movies, Mum says she has a present for Santie and me. She has bought us dresses and shoes to wear to the movies. She says it is so that we can look like ladies. That is so lame. Like, why didn't she buy us jeans or something? Santie's dress is like mine, but it is red and mine is yellow. Then we both have the same pair of shoes except her pair is red and mine is yellow. I hate dresses. Santie loves dresses.

"Mum? We are eleven, not seven!" I say to Mum because I am embarrassed at the matching outfits.

My mum looks

at me and says,

"Wena, Thando,

is that a way to

say thank you? I

will take that dress

back to the shop

and you will not

go to the movies

with us. Why can't

you be polite like

Santie and just say

thank you?"

So I say, "Thank


you," under my

breath.

My mum looks at

me and says, "I didn't hear you."

And I say again loudly, "I said THANK YOU."



"That's better. Now go and change," she says. I see Santie smiling and pulling her tongue at me behind my mum's back. I wish I could pinch her. She is so annoying.

We finish dressing up, I really hate this dress, and my mum says, "Let's go girls." We follow her.

When we get in the taxi to go to the movies, the taxi driver says, "What beautiful daughters you have, Madam." So I smile although I know I am better looking than Santie. But then I get upset because he asks my mother, "Are they twins?"

And just as I am about to say no, we are just cousins, my mum says, "No, they are just sisters." She is not my sister. She is my cousin!

We get to the movies and I hope I do not see anyone I know from my school.

And then it happens.

As we are waiting for my mum to buy tickets, I see this cute boy that I like in my class. Siya is walking with his best friend Sam and also going into the movies.

He says to me, "Well hello, Thando, aren't you too old to be dressed in matching outfits?"

You see what I mean? I wish the floor could just open up and swallow me.

"What's that to you? You are just a stupid boy who does not know fashion!"

Santie answers.

OMG, why did she do that?

"Yes, whatever

Thando's

'twin', he

says and both


he and Sam

high five each

other and start

laughing while

pointing at us.



I nudge Santie and say, "What is wrong with you? Why did you have to do that?"

"He was being mean to you. I was just helping you," she answers.

"Thanks a lot! I did not ask for your help. Siya is the cutest guy in my class and now I will be the class joke," I say angrily.

"Is he your boyfriend?" she says rolling her eyes.

"Of course not," I say. I wish he was my boyfriend, but now he will never be, thanks to her big mouth.

"Oh oh, Thando's got a boyfriend, Thando's got a boyfriend ..." she chants.

It is at that moment that my mum comes back and asks Santie, "What's that, Sweetie?"

And Santie says, "Nothing, Auntie. Thando and I were just joking."

And my mum says, "Okay," and hands each of us a box of popcorn, a soda and some Smarties.

"Thank you so much, Auntie, this is the best birthday ever," Santie says kissing my mum's cheek.

My mum smiles and says, "Oh darling, it's nothing. I promise to make next year even better."

Kill me now. This is the worst birthday ever. And it is not even my birthday. Also, Santie is going to be here next year?

When I grow up I want to be a documentary filmmaker. I am not sure exactly what they do, but a woman who came to our school said that she was one, and it sounded very cool. She said she records stories. So I am recording this story so that when Santie is grown up, she too will remember that this was the worst birthday ever!

Illustrations by Magriet Brink





Get story active!

The worst birthday ever is a story written for older children. Read the story on pages 3 and 5 of this supplement a few times before you read it aloud to others. Or, let your children read it on their own. Here are some other ideas for you to try out.

Before reading the story

- ★ Talk together about birthdays – why they are important, how we like to celebrate them. Encourage your children to talk about how it feels when people remember it is your birthday. Perhaps you also have a funny story about a birthday celebration you attended or there is one particular birthday experience you will always remember. Share these stories with your children. Use these discussions to introduce the story.

While reading the story

- ★ If you are reading aloud, help develop your children's prediction skills by asking, "What do you think will happen next?" when Thando and Santie arrive at the movies.

After reading the story

- ★ Help your children make connections between Thando and her experience in the story, and their own lives. Talk about experiences they might have had that the story has reminded them of.
- ★ Encourage them to interpret the story by asking them to draw or paint a picture of their favourite part.
- ★ Suggest that your children write their own real or imagined stories about an event in the past involving their friends or other family members.
- ★ Let your children volunteer to act out the story. Or, ask them to pretend that it is years later and they are helping Thando to make a TV programme about her life. Together write down the questions an interviewer might ask Thando, her mother and Santie about what happened in the story. For example: "Santie, how did you feel about living with your aunt and Thando?" Let your children act as different characters from the story. Interview these "characters" using the questions you wrote together.

It's a joke!

Here are some birthday jokes for you to enjoy.

Question: Why do we put candles on top of a cake?

Answer: It's too hard to put them on the bottom!

Umbuzo: Kutheni siwafaka phezu kwekeyiki amakhandlela?

Impendulo: Kunzima kakhulu ukuwafaka ngaphantsi!

Question: What do you give an angry lion for his birthday?

Answer: I don't know, but you'd better hope he likes it!

Umbuzo: Uyinika isipho esiyintoni ingonyama enomsindo ngosuku lwayo lokuzalwa?

Impendulo: Andazi, kodwa kungcono uthembe ukuba iza kusithanda!



Yenza ibali linike umdla!

Ibali elisihloko sithi, *Olona suku lokuzalwa lwakhe lwalubi libali elibhalelwe abantwana abadala*. Zifundele eli bali kolu hlelo kwiphepha lesi-3 nele-5 amatyeli ambalwa phambi kokuba ulifunde ngokuvakalayo ulifundela abanye. Okanye, cela abantwana bakho ukuba bazifundele. Nazi ezinye iingcebiso onokuzizama.

Phambi kokuba ufunde ibali

- ★ Thethani malunga neentsuku zokuzalwa – kutheni zibalulekile nje, sithanda ukuzibhiyozela njani. Bakhuthaze abantwana bakho bathethe malunga nendlela abaziva ngayo xa abantu bathe bakhumbula ukuba lusuku lwabo lokuzalwa. Mhlawumbi unebali elihlekisayo elimalunga nombhiyozo wosuku lokuzalwa owakhe waya kuwo okanye unamava osuku lokuzalwa oya kuhlala ulukhumbula. Yabelana nabantwana bakho ngaloo mabali. Sebenzisa ezi ngxoxo ukwazisa ibali.

Lo gama ufunda ibali

- ★ Ukuba ufunda ngokuvakalayo, nceda uphuhlise izakhono zabantwana bakho zokuqikelela okuza kwenzeka ngokuthi ubuze, "Nicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?" xa uThando noSantie befika kwimiboniso-bhanyabhanya.

Emva kokufunda ibali

- ★ Nceda abantwana bakho babone uqhagamshelwano phakathi kwamava kaThando apha ebalini kunye namava abo ebomini babo. Thethani ngamava abanawo elithe eli bali labakhumbuza wona.
- ★ Bakhuthaze balitolike eli bali ngokubacela ukuba bazobe okanye bapeyinte umfanekiso weyona ndawo bayithandayo ebalini.
- ★ Cebisa abantwana bakho ubacele ukuba babhale awabo amabali okanye amabali abawacingayo malunga nesehlo esakhe senzeka esibandakanya abahlobo babo okanye amalungu osapho lwabo.
- ★ Bavumele abantwana bavolontiyi ukwenza umdlalo weqonga ngeli bali. Okanye, bacele ukuba benze ngathi sekudlule iminyaka emininzi kwaye banceda uThando ukuba enze inkqubo kamabonwakude emalunga nobomi bakhe. Nikunye, bhalani phantsi imibuzo anokuthi abuzwe yona uThando, umama wakhe noSantie kudliwanondlebe malunga nokuba kwenzeka ntoni ebalini, umzekelo, "Santie, waziva njani xa kufuneka uze kuhlala nomakazi wakho noThando?" Cela abantwana bakho ukuba badlale umdlalo weqonga babe ngabalinganiswa abohlukileyo. Bambani udliwanondlebe naba "balinganiswa" nibabuze le mibuzo niyibhalileyo.

Ndiyaqhula!

Nazi iziqhulo zeentsuku zokuzalwa onokuzonwabela.

Sizwe: Mum, do you know what I'm going to give you for your birthday?

Mum: No, dear, what?

Sizwe: A nice vase.

Mum: But I've got a nice vase.

Sizwe: No, you haven't. I've just dropped it!

USizwe: Mama, uyazi ukuba ndiza kukupha ntoni ngosuku lwakho lokuzalwa?

UMama: Hayi, andazi, sithandwa?

USizwe: Ingqayi entle.

UMama: Kodwa ndinayo ingqayi entle nje.

USizwe: Hayi akunayo. Ndisandul' ukuyiwisa, yophuka!



Create your own story cards

1. When you have finished reading the supplement, take out pages 3 and 5.
2. Cut along the dotted lines on each page.
3. Paste each part of the story on either side of an A4 sheet of cardboard. Use a separate sheet of cardboard for each language.
4. If possible, cover the cards with plastic.

Zenzele awakho amakhadi eballi

1. Xa ugqibile ukufunda uhlelo, thatha iphepha lesi-3 nelesi-5.
2. Sika phezu kwemigca engamachaphaza kwiphepha ngalinye.
3. Ncamathisela inxenye nganye yebali kwicala ngalinye lekhadibhodi enomlinganiselo we-A4. Icala ngalinye lekhadibhodi kufuneka ulisebenzisele ulwimi ngalunye.
4. Ukuba ikho indlela, amakhadi kufuneka uwaqakumbela ngeplastiki.

Oloná suku lokuzalwa Iwakhé Iwalubi

ibhalwe nguZukiswa Wanner

Molweni, igama lam ndinguThando. Umama uthi wandithiya eli gama kuba undithanda kakhulu.

Ndihlala nomama, ukanina wam uSantie, kunye nomakazi wam uSallie. USantie kunye nomama wakhe baqale ukuhlala nathi kwiveki ezimbini ezidlulileyo. Umakazi uSallie ngudade bomama omncinane. Ndiyaqala ukumbona oko ndazalwa kuba ndeva uMakhulu esithi umyeni wakhe akafuni asindwendwele. Babehlala eMpumalanga phambi kokuba baze kuhlala nathi eRhawutini. Umama uthi umakazi uSallie waba neengxaki ekhaya ngoko ke kwafuneka ukuba beze kuhlala nathi. Akazange andixelele ukuba yayizingxaki zekhaya zantoni na ezo.

Siyalingana ngeminyaka noSantie. Hayi kodwa, asilingani ncam, nna ndimshiya ngeenyanga ezine.



“Zinyanga ezintathu neentsuku ezingamashumi amabini!” ukhwaize watsho uSantie.

“Hayi suka, iyafana loo nto nje neenyanga ezine, geza ndini,” kutsho mna.

“Hayi ayifani tu!” uphendule ngelishoyo.

Njengokuba nawe uzivela uSantie uyakuthanda ukuphikisana nabanye. Andazi kutheni enamaphike kangaka. Akukho nakowabo apha. Bendisatsho ke, futhi ngoku kufuneka ndisebeze ukuze angandiva aphazamise kwakhona, “Ndimdala ngeenyanga ezine kuye.”

Namhlanje uSantie ugqiba iminyaka eli-11 ezelwe. Umama uthi uza kulwenza olu suku lube lolukhethekileyo. Umakazi uSallie uyaphangela ngokuhlwanje. Usandul’ ukuqeshwa njengeweyitala kwiresty yaseSandton kwaye


akakwazi ukufumana ikhefu lasebusuku. Ngoku ke ngumama oza kusisa kwimiboniso-bhanyabhanya ukuze sibukele othi *Jack of the Bushveld*.

Ndiyathemba ukuba kuza kuba mmandi. Asikwazi kulinda. Gxebe mandithi, andikwazi kulinda. Namhlanje, ukuza kuthi ga ngoku, akukhange kube mmandi. Ngalo lonke ixesha ndifuna ukudlala umdlalo othile, uSantie ufuna ukudlala omnye, kwaye kufuneka senze into efunwa nguye. Umama uthi mandilale loo onto ifunwa nguSantie kuba lusuku lwakhe lokuzalwa. Ndizamile ukucela ukuba sidlale omnye umdlalo, kodwa uSantie uvele wakhalala ukuba awiwe ngumama esithi, “Kodwa lusuku lwam lokuzalwa nje!” Ndinethemba lokuba ngosuku lwakhe lokuzalwa olulandelayo uyakuba sele engasekho apha.

Emva kokuba sigqibile ukuhlamba kwaye sele ilixesha lokuya kwimiboniso-bhanyabhanya, umama uthe unesipho sikaSantie nesam. Usithengele ilokhwe nezihlangu ukuze sizinxibe xa sisuya kwimiboniso-bhanyabhanya. Uthi oko ukwenzela ukuze sikhangeleke njengamanekazi. Wowu ayabi sabaphantsi nje loo nto! Kutheni engasithengelanga ijini okanye ezinye iimpahla? Ilokhwe kaSantie iyafana neyam, kodwa ibomvu lo gama eyam imthubi. Kwakhona sifake isihlangu ezifanayo, qha ezakhe zibomvu ze ezam zibe mthubi. Ndiyazicaphukela ilokhwe. USantie uyazithanda ilokhwe.

“Mama! Sineminyaka elishumi elinanye, hayi esixhenxe!” Nditshilo kumama kuba ndineentloni zezi mpahla zifanayo.

Umama wandijonga wathi, “*He wena Thando*, yindlele othi enkosi ngayo leyo? Ndakuyithatha loo lokhwe ndiyibuyisele evenkileni kwaye akuyi kuhamba nathi ukuya kwimiboniso-bhanyabhanya. Kutheni ungaqwebi imbeko nje, ufane noSantie uthi enkosi?”



Ngoku nangoko ndiye ndathi, “Enkosi,” ndithethela phantsi. Umama wandijonga wathi, “Andikuvangali!”

Ndiye ndakhwaza ndathi, “Ndiithe ENKOSI!”

“Kwangcono ke. Ngoku hamba uyokutshintsha,” utshilo. Ndibona ngoSantie encumile ending’ong’ozela emva komama. Ingathi ndingakhe ndimtswebe. Uyandicaphukisa.

Siyе sagqiba ukunxiba, ndiyicaphukela ngokwenene ke le lokhwe, wabe umama sele esithi, “Masihambeni mantombazana.” Siyamlandela.

Xa singena eteksini sisiya kwimiboniso-bhanyabhanya, umqhubi weteksi uthi, “Azisentle ngako iintombi zakho, Nkosikazi.” Nako ke ndincuma nangona ndisazi nje ukuba ndikhangeleka ngecono kunoSantie. Kodwa ndiye ndakhathazeka kuba ubuze kumama esithi, “Ingaba ngamawele?”

Xa kanye ndiza kuthi hayi, asingomawele, umama wathi, “Hayi, ngumntu nodade wabo nje kuphela.” Akangodade wethu. Ngukanina wam!

Sifikile kwimiboniso-bhanyabhanya kwaye ndithemba ukuba andisayi kubona namnye endimaziyo ovela esikolweni sam.

Yehla ke inkathazo!

Njengokuba silinde umama ukuba athenge amatikiti, ndibone le nkwenkwe inomtsalane nendiyithandayo yaseklasini yam. USiya uhamba nomhlobo wakhe osenyongweni uSam, kwaye nabo baze kubukela imiboniso-bhanyabhanya.

Uthi kum, “Tyhini molo Thando, anikho badala na ukunxiba iimpahla ezifanayo?”

Uyayibona ke le nto bendiyithetha? Ndanga ndingathi vuleka mhlaba ndingene.

“Uyintoni ke wena kuloo nto? Usisidenge senkwenkwe esingazinto ngefashoni!” waphendula uSantie.

Owu nkosi yam, kutheni esenza le nto nje?

“Yha, akunamsebenzi nokuba uthini na ‘wele’ likaThando”, utshilo waze yena noSam babethana ngezandla baqalisa nokuhleka besolathisana ngathi.

Ndingqinibe uSantie ndathi, “Yintoni ingxaki yakho? Ibikho imfuneko yaloo nto?”

“Ebekugezela. Mna bendisithi ndiyakunceda,” uphendule watsho.

“Enkosi kakhulu! Khange ndicele needo kuwe. USiya yeyona nkwenkwe inomtsalane eklasini yam kwaye ngoku ndiza kuba yintlekisa,” nditshilo ngomsindo.

“Ingaba sisingqandamathe sakho?” ubuzile egungquzisa amehlo.

“Hayi akasiso, nditshilo. Ndingwenela ukuba abesinqandamathe sam, kodwa ngoku akasoze abe saba siso, ngenxa yaloo mlomo wakho mkhulu.

“Yhe-nyenye-nyenye, uThando unesinqandamathe, uThando unesinqandamathe ...” ucule loo ngoma.

Ngawo loo mzuzu kanye kwabe sekufika umama, wabuza kuSantie, “Yintoni leyo, sithandwa?”

USantie uphendule wathi, “Asiyonto, Makazi. UThando kunye nam besiqhulana nje.”

Umama uthe, “Kulungile,” waza wasinika omnye nomnye ibhokisi yepopkhoni, isiselo kunye nee*Smarties*.

“Enkosi kakhulu, Makazi, olu lolona suku lwam lokuzalwa lumnandi,” utshilo uSantie ephuza umama esidleleni.

Umama uye wancuma wathi, “Owu sithandwa sam, asiyonto nje le. Ndiyathembisa ukuba kulo nyaka uzayo ndiya kwenza ngecono kunoko.”

Kuthi mandife! Olu lolona suku lokuzalwa lwakhe lwalubi. Kwaye asilulo nolwam. Kanti uSantie useza kuba lapha nakulo nyaka uzayo?

Xa ndikuhlile ndifuna ukuba ngumenzi wemiboniso-bhanyabhanya ebonisa izinto njengoko zinjalo, iidokhyumentari. Andiqinisekanga ukuba benza ntoni kanye kanye, kodwa inekazi ebelindwendwele esikolweni lithe lingumenzi wolu hlobo lwemiboniso-bhanyabhanya kwaye oko kuvakele kumnandi kum. Uthe ushicilela amabali. Ngoko ke nam ndishicilela eli bali ukuze xa uSantie ekhulile, abe nokukhumbula ukuba olu yayilolona suku lokuzalwa lwakhe lwalulubi!



Imifanekiso nguMagriet Brink

It starts with a story.



Story stars

Sparking a love of reading!

Here, in their own words, is what some of the inspirational reading clubs and programmes in the NaI'ibali network have to say about the NaI'ibali supplements and how they use them to encourage reading-for-enjoyment in their settings.

"The excellent NaI'ibali supplements have been invaluable reading materials, which helped with our limited resources. The activities as well as the tips and advice for teachers, parents and children are so enriching. I love the inter-generational layout, since it creates more parental involvement, which is sorely lacking in our communities. Every week the children look forward to the cut-out stories, which they read quickly. In 2012, they shared these stories with other classes, so a love for reading could be spread. We simply love the special pictures of the NaI'ibali characters too! This is a brilliant initiative. We share your vision that literacy and liberation go together!"

Brenda Rhode, Young Authors' Club, Lansdowne, Cape Town

"Iintlelo zeNaI'ibali ezigqwesileyo sisixhobo esixabisekileyo sokufunda, esithe sasanceda ekunqongophaleni kwemithombo yokufunda kuthi. Imisetyenzana, imidlalwana kwakunye neengcebiso kootitshala, kubazali nakubantwana sisisele senyathi senene. Ndiyayithanda indlela olumiswe ngayo ethi ithathele ingqalelo abantu abohlukileyo ngokweminyaka, kuba abazali babandakanyeka kakhulu, nto leyo inqongophelelo kuluntu lwethu. Rhoqo ngeveki abantwana baguguzelela ukusika bakhuphe amabali, nabathi bawafunde ngokukhawuleza, kwaye kowama-2012, bathe babelana ngala mabali nezinye iiklasi, kwathi ke ngoko uthando lokufunda lwabe luyanaba. Siyithanda kakhulu imifanekiso ekhethekileyo yabalinganiswa beNaI'ibali! Eli lilinge elibalaseleyo. Singaqinelana nani kumbono wenu othi iitheresi kunye nenkululeko zihamba kunye!"

NguBrenda Rhode, weYoung Authors' Club, eLansdowne, eKapa

"Though unbelievable, some of our learners do not own reading books and the supplements allow them to own a book. We also stock some of the stories in our library and so a whole class can read the same story aloud for shared reading."

Felicia Watson, Kannemeyer Reading Club, Lotus River, Cape Town

"Naxa oku kungakholeleki, kodwa abanye babafundi bethu abanazo iincwadi zokufunda ezizezabo, ngoko ke iintlelo ezi zibanika ithuba lokuba babeneencwadi ezizezabo. Kananjalo amanye amabali siwagcina kwithala leencwadi lethu ngoko ke ithi ikwazi iklasi yonke ukuba ingafunda ibali elinye ngokuvakalayo ngexesha lokwabelana ngokufunda."

NguFelicia Watson, weKannemeyer Reading Club, eLotus River, eKapa

"We have delivered about 6 000 NaI'ibali papers to several rural and special schools in the eastern half of the Eastern Cape. We have seen how the kids make up the books. It's working!"

John Jansen, Rotary Club, Gonubie

"Sihambise amaphepha eNaI'ibali amalunga nama-6 000 kwizikolo eziliqela ezisemaphandleni nakwezikhethekileyo kwisiqingatha esisempuma saseMpuma Koloni. Sibabonile abantwana bezenzela iincwadi. Ngenene oku kuyasebenza!"

NguJohn Jansen, weRotary Club, eGonubie

Iimbalasane zamabali

Ukuvuselela uthando lokufunda!

Khawumamele iiklabhu zokufunda kunye neenkqubo ezivuselelayo ezikwisixokelelwano seNaI'ibali zichaza, ngawazo amazwi, malunga neentlelo zeNaI'ibali kunye nendlela abathi bazisebenzise ngayo ukukhuthaza ukufundela ukuzonwabisa kwiindawo abakuzo.



Pic: Anton Scholtz

Brenda Rhode, Young Authors' Club, Lansdowne



Pic: Anton Scholtz

Belinda Fellion, Zenzeleni Waldorf School, Khayelitsha

"Each Wednesday one of the classes in the school folds and cuts the mini-books in the supplement. The booklets are then used in our "Book Buddy" programme where children from an older class pair up with those from a younger class. In these pairs, the older child reads to the younger child, or listens to the younger child's reading. The children can also take the mini-books home to keep and to show to their parents. We are very grateful for the contribution these booklets have made to the increased joy and interest in reading in the children."

Belinda Fellion, Zenzeleni Waldorf School, Khayelitsha


"Rhoqo ngoolwesithathu enye yeeklasi zasesikolweni isika ze isonge iincwadana ezincinane eziphuma kuhlelo. Ezi ncwadana zisetyenziswa kwinkqubo yethu ebizwa ngokuthi "yiBook Buddy" apho abantwana abavela kwiiklasi zamabanga aphezulu badibana nabo bakwiiklasi zamabanga aphantsi benze izibini. Kwezi zibini, lo umdala umntwana ufundela lo mncinane okanye lo mncinane umamela lo umdala efunda. Kananjalo abantwana bangazithatha bagoduke nazo iincwadana ezincinane ukuze babonise abazali babo. Sinombulelo ongazenzisiyo ngegalelo elenziwa zezi ncwadana kulonwabo nomdla wabantwana ekufundeni."

NguBelinda Fellion, weZenzeleni Waldorf School, eKhayelitsha




Pic: Anton Scholtz

Kannemeyer Reading Club, Lotus River



Pic: Mark Andrews

The Gonubie Rotary Club supports kids at College Street Primary School




Pic: Stephanie Lloyd

Monwabisi Sisilana, Ikhwili Elementary School, Cwili

"Each week our school receives Nal'ibali supplements. One of the most useful aspects of the supplement is that it's bilingual. The children love the fact that our international volunteers can read in English and they can read in Xhosa. Most inspiring has been the increased interaction between the children themselves, as they develop their love of stories together. Older children often read aloud to the younger children and share their reading skills with those who have reading difficulties. It is beautiful to see the children's enthusiasm when reading together, laughing at a funny story, and then developing their own stories."

Monwabisi Sisilana, Ikhwili Elementary School, Cwili



Pic: Daniel Born

Lynette Jackson, Link @ Yeoville Literacy Programme, Yeoville

"Rhoqo ngeveki isikolo sethu sifumana uhlelo lweNal'ibali. Eyona nto eluncedo kolu hlelo kukuba lubhalwe ngeelwimi ezimbini. Abantwana bethu bayayithanda into yokuba amavolontiya aphuma kumazwe ngamazwe abafundele ngesiNgesi baze bona bawafundele ngesiXhosa. Eyona nto intle nevuselelayo kukwanda konxibelelwano phakathi kwabantwana bebodwa, njengokuba bephuhlisa uthando lwabo lwamabali bekunye. Abantwana abadala bakholisa ukufunda ngokuvakalayo befundela abancinane ze babelane ngezakhono zabo zokufunda kunye nabo bafumana ubunzima ekufundeni. Kuhle ukubona uthakazelelo lwabantwana xa befunda bekunye, behleka ibali elihlekisayo kwaye bephuhlisa awabo amabali."

NguMonwabisi Sisilana, we-Ikhwili Elementary School, eCwili

"The children at Yeoville don't have a library, so they line up with great excitement to get their supplements each week to take back home with them! The children participating in the programme are in Grade 3, but most cannot read yet. The volunteers read with the children, and then talk to the children about the stories and the characters. The children then take the supplements home, where we encourage them to read to their brothers and sisters, or get their grannies to read to them to grow their literacy skills. The supplements really are their most prized possessions!"

Lynette Jackson, Link @ Yeoville Literacy Programme, Yeoville

"The Family Literacy Project has 20 Nal'ibali reading clubs in deep rural villages in the southern Drakensberg in KZN. We receive supplements every week and we use them with a song or game in the weekly session. The children in the clubs also cut out the books from the supplement. They seldom have a chance to use scissors and staplers, so they enjoy cutting out and producing their own books. They then read these books together and afterwards, take them home to read with their families."

Lynn Stefano, Family Literacy Project, Underberg



Pic: Family Literacy Project

Kuyintokoza reading club at Lumphongolo in Mzimkulu

"Abantwana baseYeoville abanalo ithala leencwadi, ngoko ke bafola ngochulumanco belindele ukufumana uhlelo lwabo rhoqo ngeveki ukuze bagoduke nalo! Abantwana abathatha inxaxheba kule nkqubo bafunda kwiBanga lesi-3, kodwa uninzi lwabo alukakwazi nokufunda. Amavolontiya afundelana nabantwana aze ancokole nabantwana malunga namabali kunye nangabalinganiswa. Abantwana bathatha iintlelo bagoduke nazo, apho siye sibakhuthaze ukuba emakhaya mabafundele abantakwabo noodade babo, okanye bacele oomakhulu babo babafundele ukuze kukhule izakhono zabo zeliitheresi. Ezi ntlelo zezona zinto zexabiso abanazo!"

NguLynette Jackson, weLink @ Yeoville Literacy Programme, eYeoville

"Iprojekthi ebizwa ngokuthi yiFamily Literacy Project ineeclubhu zokufunda zeNal'ibali ezingama-20 ezisemaphandleni kwiilali ezikude needolophu, emazantsi eDrakensberg eKZN. Sifumana uhlelo rhoqo ngeveki ze silusebenzise neengoma kunye nemidlalwana kwiindibano zethu zeveki. Abantwana abaseziklabhini basika iincwadana ezincinane eziphuma kuhlelo. Abafane bazisebenzise izikere neziteyipla, ngoko ke bayakonwabela ukusika bazenzele ezabo iincwadi ezincinane. Bathi ke bazifunde kunye ezi ncwadi ze emva koko bazithathe bagoduke nazo bazifundele iintsapho zabo."


NguLynn Stefano, weFamily Literacy Project, e-Underberg

"What I like most about the supplements is the stories – we read them to the children and sometimes the children cut out the pictures and then write their own stories! We use the supplements with 5 to 12-year-olds in the classroom, but also in the Injongo Primary School Reading Club. The children who read the stories in the class or club, will often go and retell the stories to their friends who are not in their class or club. In this way they are passing the stories along!"

Luluma Tyhulu, Injongo Primary School Reading Club, Khayelitsha

"Eyona nto ndiyithanda kakhulu ngeentlelo ngamabali – siwafundela abantwana kwaye ngamanye amaxesha abantwana basika imifanekiso baze babhale awabo amabali ngayo! Iintlelo sizisebenzisa nabantwana abaneminyaka emihlanu ukuya kwabaneminyaka eli-12 eklasini, kwaye sizisebenzisa nakwiklabhu yokufunda ye-Injongo Primary School. Abantwana abafunda amabali eklasini nakwiklabhu yokufunda, baye bawabalisele abahlobo babo abangafundi kwiiklasi zabo nabangengawo amalungu eklabhu, ze ngaloo ndlela babe bawadlulisela kwabanye amabali!"

NguLuluma Tyhulu, we-Injongo Primary School Reading Club, eKhayelitsha



Pic: Anton Scholtz

Luluma Tyhulu, Injongo Primary School Reading Club, Khayelitsha

Across the country, individuals and organisations are finding ways to make reading and writing part of children's daily lives. To say thank you, our featured **Story Stars** will receive meal vouchers* courtesy of **Wimpy** to enjoy with the children in whose lives they are making a difference. To nominate a Story Star, visit www.nalibali.org/story-stars.

* For terms and conditions that apply, go to www.nalibali.org/story-stars



Kulo lonke ilizwe, abantu nemibutho bafumana iindlela zokwenza ukufunda nokubhala inxalenye yobomi bemihla ngemihla babantwana. Ukubabulela, **iMbalasane zamaBali** zethu ekubhalwe ngazo ziza kufumana iivawutsha zokutya ezizinikwa ngembeko nangoncedo lwabakwa**Wimpy** ukuze bazonwabele nabantwana abenza umahluko ebomini babo. Ukonyula imbalasane yamabali, ndwendwela ku-www.nalibali.org/story-stars.

* Ukufumanisa imimiselo nemiqathango esetyenziswayo, yiya ku-www.nalibali.org/story-stars

Story corner

Here is the first part of a story for you to read aloud or tell. It is about a man with a very long beard who had no friends.

The lonely tailor (Part 1) by Derek Wüid

Dell the tailor lived in a little town near the sea. Dell loved making beautiful clothes for the people in town. He was very busy snipping and sewing every day. He was so busy that he didn't have time to make friends. In fact, he didn't even have time to trim his own beard.

One morning, *Ding-Dong, Ding-Dong*, the town hall bell rang and Dell woke up. He stretched and yawned loudly.

"Today is market day," he said. "No snipping and sewing for me! No making new clothes. No making old clothes into not so new clothes. Today I shall buy freshly baked bread, delicious jam, and fresh, fresh fruit and vegetables." Then he sighed sadly. *I wonder, he thought, if anyone in town will talk to me today.*

Dell got out of bed to wash himself and brush his teeth ... as he did every morning. He made a cup of coffee and some breakfast ... as he did every morning. He put on his vest and a pair of trousers ... as he did every morning. But ... he did not put on a shirt or a jacket. He never dressed in normal clothes like everyone else.

You see, Dell the tailor had a very, very long beard. Because he never had the time to trim it, his beard had been growing for forty-five years. It was so long that when he went out, he wrapped his beard around his body; one, two, three times. That's why he only needed his vest and trousers. His beard kept him warm in winter and cool in summer.

That winter morning when Dell went shopping, everyone stared at him. They always did. Then they turned around and hurried away without saying a word.

"Silly people," he said to himself. "It's only a beard." He forgot that it was the longest beard in the world. He forgot that people were not used to seeing someone wrapped in a beard.

Dell hurried to finish his shopping. As usual no one spoke to him and he felt very lonely.

Find out next week if Dell will ever have any friends.



Illustration by Jiggs Snaddon-Wood
Imifanekiso nguJiggs Snaddon-Wood

Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokuqala yebali onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise. Eli bali limalunga nendoda eyayineendevu ezinde kakhulu neyayingenabahlobo.

Umthungi owayelilolo (Inxalenye yoku-1) ngokubhalwe nguDerek Wüid

UDell, umthungi weempahla wayehlala kwidolophana encinane ekufutshane nolwandle. UDell wayekuthanda ukuthunga iimpahla ezintle ezenzela abantu bale dolophu. Wayexakeke kakhulu esika kwaye ethunga yonke imihla. Wayexakeke kangangokuba wayengenalo nethuba lokuhlangana nezihlobo. Eneneni, wayengenalo neli loku cheba iindevu zakhe.

Ngenye intsasa, ukukhala kwentsimbi eholweni yoluntu, wavuka uDell. Wazwabaluka, ezamla ngengxolo.

"Namhlanje lusuku lwemarike," utshilo. "Andizikusika ndingazi kuthunga nto tu kwaphela! Andenzi kwampahla zintsha namhlanje. Ndingazukuvuselela neempahla ezindala ndizenze ntsihana. Namhlanje, ndiza kuthenga isonka esisandul' ukubhakwa, ijem emnandi kunye neziqhamo nemifuno esandul' ukuvunwa." Emva koko watsho ngesingqala kalusizi. "Yhazi ukuba," wacinga, "ukhona na umntu oza kuthetha nam namhlanje edolophini."

UDell wavuka wahlamba waxukuxa ... njengoko aqhele ukwenza rhoqo kusasa. Wazenzela ikomityi yekofu nesidlo sakusasa ... njengoko aqhele ukwenza rhoqo kusasa. Wanxiba ivesti nebhulukhwe yakhe ... njengoko aqhele ukwenza rhoqo kusasa. Kodwa ... zange ayinxibe ihempe okanye ibhatyi. Akazange akhe anxibe iimpahla zesiqhelo njengaye wonke umntu.

Uyabona, uDell wayeneendevu ezinde kakhulu. Ngenxa yokuba wayengenalo ixesha lokuzicheba, iindevu zakhe zakhula amashumi amane anesihlanu onke eminyaka. Zazinde kangangokuba xa ephuma, ebezisongela ngazo zijikeleze umzimba wakhe; kanye, kabini, nakathathu. Yiyo loo nto wayenxiba ivesti nebhulukhwe nje kuphela. Iindevu zakhe zazimenza shushu ebusika aphole ehlotyeni.

Ngalo ntsasa yobusika, ngethuba uDell ehamba-hamba ezivenkileni, wonke umntu wayemthe ntsho ngamehlo. Babesoloko besenza njalo. Bayakusuka ke baguquke bamshiye apho bengatshongo nelimdaka kuye.

"Abantu abanangqondo," wazithethela. "Ibiqule yayintoni iindevu ezinde." Wayelibele ukuba iindevu zakhe yayizezona ndevu zakhe zande ehlabathini. Wayelibele ukuba abantu babengakuqhelanga ukubona umntu ozisongele ngeendevu.

UDell wakhawulezisa wagqiba ukuthenga. Njengesiqhelo kwakungekho namnye owathetha naye waza waziva elilolo nangakumbi.

Funda kwiveki elandelayo ufumanise ukuba uDell uyakuze abenabo kusini na abahlobo.

In your next Nal'ibali supplement:

- Investing in young readers this Youth Day
- Story Star: An author passionate about empowering others
- Make a card for Father's Day
- A mini-book to celebrate Father's Day, *A Kite's Flight*
- The final part of the story, *The lonely tailor*

Can't wait until next week for more reading and story tips, stories and inspirational ideas? Visit www.nalibali.org or find us on Facebook: [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)



Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ukufaka isichumiso kubafundi abaselula ngoSuku loLutsha kulo nyaka
- Iimbilasane zamabali: Umbhali okuthanda kakhulu ukuxhobisa abanye
- Yenza ikhadi loSuku looTata
- Incwadana encinane yokubhiyozela uSuku looTata, esihloko sithi *Ukubhabha kweKayiti*
- Inxalenye yokugqibela yebali elisihloko sithi, *Umthungi owayelilolo*.

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ukuze ndifumane ezinye iingcebiso ngamabali, amabali amatsha neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali. Ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-Facebook: [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)